URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
A Douman
I Swartz
ICandelo loLawulo noSetyenziso lweMali
aqeeb.douman@westerncape.gov.za | 021 467 2770
ivan.swartz@westerncape.gov.za | 021 467 2255

Inombolo yefayili: 26/1/P
Isalathiso: 20220215-9808

ISetyhula: 0011/2022
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kunye neehostele (kungabandakanywanga iikholeji zemfundo)

Isishwankathelo esifutshane: *Ukunyuka kwezixa ezihlawulelwa ukubhoda, ezothutho neenkxaso-mali zokubhoda kwiindawo zabucala kunye neenkxaso-mali zabasebenzi ezihostele nasezikolweni.*

Isihloko: Ukunyuka kwezixa ezihlawulelwa ukubhoda, ezothutho neenkxaso-mali zokubhoda kwiindawo zabucala kunye neenkxaso-mali zabasebenzi ezihostele nakwizikolo

1. **linkxaso-mali zokubhoda ehostele, ezokubhoda kwiindawo zabucala, nezothutho zabucala**

1.1 Kuvunyiwe ukunyuswa kwezi nkxaso-mali zilandelayo ukususela **nge-01 Apreli 2022:**

1.1.1 linkxaso-mali zokubhoda ehostele
Ixabiso lenkxaso-mali yokubhoda eliphezulu elihlawulwa kubafundi abasweleyo ezihostele ezinxulumene nezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo linyukile ukususela kwi-R10 330,00 ukuya kwi-R10 770,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

1.1.2 linkxaso-mali zokubhoda kwindawo zabucala nezothutho zabucala
linkxaso-mali zokubhoda kwindawo zabucala kunye neenkxaso-mali zothutho ezizezona ziphezulu ezihlawulwa kubafundi abasweleyo kwizithili zemfundo *iWest Coast*, *iCape Winelands*, *e-Eden* kunye nase*Central Karoo ne-Overberg*, zinyukile ukususela kwi-R2 425,00 ukuya kwi-R2 530,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

1.2 Kucelwa uqaphele ukuba ezi nkxaso-mali zingentla zibalwe ngokungqinelana novavanyo lobungakanani beentswelo oluvunyiweyo (makujongwe iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loCwangciso noKuphathwa kwamaZiko; 0001/2018, yowe-09 Matshi 2018) neekhrayitheriya ezibhalwe kwiSetyhula 0143/1998, yowe-06 Novemba 1998, nakwiSetyhula 0029/2001, yowe-13 Matshi 2001.

2. **Iinkxaso-mali zabasebenzi**

2.1 Kuvunyiwe kwakhona ukunyuswa kweenkxaso-mali zabasebenzi ezilandelayo ukususela ngowe-**01 Apreli 2022:**

2.1.1 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani lobhaliso labafundi abambalwa kunabafundi abayi-201, ukulungiselela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo kunye nabasebenzi beenkonzo ngokubanzi, inyusiwe ukususela kwi-R680,00 ukuya kwi-R710,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka. Kuya kuhlawulwa ubuncinane be-R25 960,00 ngesikolo ngasinye.

2.1.2 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwiihostele zikarhulumente eziqhelekileyo ezinabafundi abahlala ehostele abambalwa kunabayi-50, ukulungiselela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo, inyusiwe ukususela kwi-R10 330,00 ukuya kwi-R10 770,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

2.2 Kucelwa kuqatshelwe ukuba iinkxaso-mali zabasebenzi zibalwe ngokweekhrayitheriya ezibhalwe kwiSetyhula 0117/2000, yange-03 Septemba 2000, neSetyhula 0025/2011, yomhla we-11 Oktobha 2011.

2.3 Ukuba kuqinisekisiwe ukuba isikolo sinabasebenzi benkonzo karhulumente abangaphezulu kwemfuneko, inkxaso-mali yabasebenzi ayisayi kuhlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani lobhaliso labafundi abahlala ehostele abayi-200 okanye abambalwa, okanye kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani lobhaliso labafundi abahlala ehostele abayi-50 okanye abambalwa enxulumene naso.

3. Iimali ziya kuhlawulwa kuphela esikolweni ukuba i-ofisi yesithili isingqina isikolo eso njengesifanelekileyo ngokwasemalini ngokusekelwe kwimisebenzi yezemali yeekota ezidlulileyo. Ngaphezulu, ukuba isikolo asingqinwanga njengesifanelekileyo ngokwasemalini phambi okanye ngomhla wokuphela konyaka-mali, isikolo singaphulukana nenkxaso yemali ehlawulwa ngoomatshini.

4. **Iinombolo zoqhagamshelwano ukulungiselela imibuzo**

Isihloko	Igosa	Inombolo yefoni	Idilesi ye-imeyili
Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini: linkxaso-mali zokubhoda kwiihostele	Ivan Swartz	021 467 2255	Ivan.Swartz@westerncape.gov.za
Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini: Ezokubhoda zabucala, Ezothutho zabucala, linkxaso-mali zabasebenzi bezikolo, linkxaso-mali zabasebenzi beehostele	Aqeeb Douman	021 467 2770	Aqeeb.Douman@westerncape.gov.za

5. Kukhuthazwa izikolo/iihostele ukuba zingenise nayiphi na imibuzo, ngencwadi ebhaliweyo kwaba bantu bachaphazelekayo bangentla ukuba abafumaneki efonini.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-03-04